Isalathiso: 20170529-1368
12/2/3/P
Imibuzo: CJ Banda

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*FET*: DCF 0018/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neeNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-*IMG*, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo, kuBacebisi beZifundo, kwiiNtloko zamaziko anabafundi bamaBakala 10 ukuya ku-12, kwiiNtloko zeZifundo zeelwimi nakootitshala beelwimi bamaBakala 10 ukuya ku-12

Isihloko: Ukusetyenziswa kwamanqaku e-orali (*oral marks*) kwiimvavanyo eziqhubekela esikolweni nakwiimviwo zamaBakala 10 ukuya ku-12

1. ISebe leMfundo esiSiseko (ISebe i-*DBE)* likhuphe iSetyhula S4 ka-2017 emalunga nokusetyenziswa kwamanqaku e-orali (*oral marks*) kwiimvavanyo eziqhubekela esikolweni nakwiimviwo zamaBakala 10 ukuya ku-12.

2. Inkqubo emiselweyo yovavanyo kwikharityhulam yeelwimi [kubandakanywa uLwimi i-*South African Sign Language (SASL)* njengoko kuchaziwe kwiNkcazo yoMgaqo-nkqubo weKharityhulam noVavanyo (*Curriculum and Assessment Policy Statement (CAPS)*)], ibonelela ngeeMvavanyo eziQhubekela esikolweni (ii-*SBA*s), iimviwo ne-orali njengeekhomponenti ezintathu ezenza amanqaku okugqibela omfundi ekupheleni konyaka wokufunda.

3. ISebe i-*DBE* no-Umalusi kutshanje, baqwalasele ukuba amanqaku e-orali asetyenziswa njengenxenye yekhomponenti ye-*SBA* nanjengenxenye yekhomponenti yeemviwo, into ekhokelela ekusetyenzisweni kwamanqaku afanayo *(same marks)* kabini kwiikhomponenti ezahlukileyo kuwo onke amanqanaba olwimi, kuqukwa ne-*SASL*.

4. Ukuyilungisa le meko, iSebe i-*DBE* libhungisene nabo bonke abaququzeleli beelwimi, likuvumile ukuqaliswa ngokukhawuleza koku kulandelayo:

4.1 Imisebenzi yovavanyo yaqho ngonyaka *(annual assessment tasks*), njengoko kucacisiwe kwi-*CAPS*, iya kuhlala ingatshintshanga.

4.2 Amanqaku afunyenwe kuyo yonke imisebenzi ye-orali, awayi kuba yinxenye yamanqaku e*SBA* okugqibela (*final SBA mark*), kodwa aya kusetyenziselwa ikhomponenti yeemviwo (IPhepha 3 loLwimi lwesiBini oloNgezelweyo *(Second Additional Language)* nePhepha 4 loLwimi lweeNkobe (*Home Language*) noLwimi lokuQala oloNgezelelweyo (*First Additional Language*).

4.3 Amanqaku e-orali asaya kutyenziswa ekwenzeni iripoti yekota (*term reporting*), kodwa aya kongezelela kuphela kwikhomponenti yeemviwo ze-orali ekubhekiswa kuyo ku-4.2 apha ngentla.

5. ISetyhula S4 yeSebe i-*DBE* icacisa ukuba izilungiso kwingongoma 4 apha ngentla, zimele ukuqaliswa ukususela ngoku kwisigaba se-*Further Education and Training (FET*), kumaBakala 10 ukuya ku-12.

6. Ukungqinelana nengongoma 4, kusebenza oku kulandelayo:

6.1 Iirekhodishiti zeelwimi zekhompyutha ze*FET* ii-*electronic FET Languages Record Sheets* zeSebe i*WCED* zitshintshwe apha naphaya ukulungiselela ezi zilungiso njengoko kumiselwe kwiingongoma 4.2 no-4.3.

6.2 Ii-*Languages Record Sheets* ze*FET* zeSebe i*WCED* ezitshintshwe apha naphaya zifakiwe kwiziko lewebhu leSebe iWCED eliyi-*WCED Curriculum Development website* apha: **http://tinyurl.com/m9a3lo6**.

6.3 Izikolo ezingazisebenzisiyo ezi rekhodishithi zekhompyutha zeSebe i*WCED* (*WCED's electronic record sheets*) okanye i-*South African School Administration Management System (SA-SAMS),* zimele ukuzitshintsha apha naphaya iirekhodishithi zazo ukwenzela ukuzingqinelanisa nengongoma 4.2 no-4.3.

6.4 Izikolo eziyisebenzisayo i-*SA-SAMS* zimele ukuqaphela ukuba isistim ifakelwe izilungiso ukubonisa iinguqu ezicaciswe kwiSetyhula S4 yeSebe i-*DBE*.

7. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke abachaphazelekayo abathatha inxaxheba ekufundiseni iilwimi kuqukwa ne-*SASL* ukwenzela ukuba bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2017-05-31